EMzantsi Afrika, uSuku lwezaMafa lusuku lweholide olungomhla wama-24 kweyoMsintsi.

Le ncwadi imalunga nolu Suku lwezaMafa. Apha uza kufunda lukhulu ngolu suku, nangokuba kutheni lubalulekile nje eMzantsi Afrika.



Bonke abantu baneengcambu zabo. Iingcambu zethu ziyinxalenye yamafa ethu.

Abantu baseMzantsi Afrika babhiyozela iingcambu ezohlukeneyo ngokuthi bahlangane ngolu suku beziintsapho, abahlali okanye besisizwe.

UMzantsi Afrika uneenkcubeko nezithethe ezahlukeneyo kwaye siyabelana ngazo.



Wonke umntu eMzantsi Afrika unemvelaphi namafa azidla ngawo.

Amafa aseMzantsi Afrika afana nomnyama kwaye anomtsalane.

Iinkcubeko zethu zahluke ngokutya, iziselo, izinxibo zemveli, iingoma, imixhentso nangemidaniso.



Izithethe zethu ezahlukeneyo zineenkolo, amasiko kwaneziduko ezahlukeneyo.


Abantu baseMzantsi Afrika bathetha iilwimi ezahlukeneyo. Esi sizwe sineelwimi ezili12 ezisemthethweni.

Ngaba uyalwazi uSuku lwezaMafa ngeelwimi ezisemthethweni zaseMzantsi Afrika?

Ilanga lamaGugu (isiNdebele)
Usuku lwamagugu (isiZulu)



Letšatši la Bohwa (Sepedi)
Letsatsi la Botjhaba (Sesotho)
Letsatsi la Ngwaoboswa (Setswana)
Lilanga Lemagugu (Siswati)
Ḓuvha ḽa Vhufa (Tshivenḓa)
Siku ra Ndzhaka (Xitsonga)
Erfenisdag (Afrikaans)
Heritage Day (English)




Ngexesha localucalulo, umhla wama24 kweyoMsintsi wawusaziwa njengoSuku lukaTshaka.

Emva kocalucalulo, ipalamente yalutshintsha olu Suku lukaTshaka lwaba luSuku lwezaMafa. Olu suku lwenziwa lwaba lusuku olubhiyozelwa nguye wonke umntu eMzantsi Afrika.

Siye sibhoyezele ukwahlukana kwethu namafa esabelana ngawo.



UMgaqosiseko waseMzantsi Afrika unemithetho ebalulekileyo esikhokelayo.

Unemithetho exhasa kwaye ikhusele amalungelo wethu.

NgokoMgaqosiseko siyalingana sonke.

Akekho umntu ongaphezulu kunomnye!



UMgaqosiseko usiyalela ukuba singacalulani omnye komnye.

Kufuneka siphathane ngentlonipho.

Sonke sinamalungelo afanayo. Sonke sinamalungelo kwiilwimi, ukholo nakwiinkcubeko zethu.



Ngosuku lwezaMafa, abantu baseMzantsi Afrika bonwabela ukucula iingoma zabo kunyenemixhentso yabo yemveli.

Siyakugcobela nokupheka ukutya kwethu kwemveli.

Abanye babonisa imbeko nentlonipho kwizinyanya zabo ngemibongo. Abanye baye bandwendwele amadlaka ezinyanya zabo.




Abantu banxiba iimpahla ezinemibala ngemibala nezinomtsalane.

Banxiba iminwenda, izishweshwe, kwanezinye izivatho ezininzi.

Xa sibhiyozela uSuku lwezaMafa eMzantsi Afrika, siye sibhiyozele neempawu zesizwe sethu.

Iimpawu zesizwe zizilwanyana kwanezityalo eziyinxalenye yamafa ethu.



**Iimpawu zesizwe zoMzantsi Afrika zezi:**

Ibhadi (Springbok) sisilwanyana sesizwe.

Indwe yintaka yesizwe.

Umcheya ngumthi wesizwe.

Isiqwane yintyatyambo yesizwe.

IRhaliyuni yintlazi yesizwe.



Izikolo zikholisa ukubhiyozela uSuku lwezaMafa phambi kokuba lufike olu suku lweholide.

Abantwana bavatha izinxibo zabo zesintu baze babaliselane ngabakwaziyo ngemvelaphi yabo.

Baye bangcamlisane ukutya kwabo kwemveli benze nemixhentso yemveli.



Imibhiyozo yezamafa yaseMzantsi Afrika, ifanele ukuquka izinto esifana ngazo singama-Afrika.

Abantwana baseAfrika abazingcayo bathi:

NdinguNamunya. Ndinxibe ishuka.

NdinguAdilah. Ndinxibe ikaftan.

NdinguIsoka. Ndinxibe igele.

NdinguSipho. Ndinxibe isibheshu.

## ——Imibuzo

1. Lubhiyozelwa nini uSuku lwezaMafa kwaye kutheni lubhiyozelwa nje?
2. Xela iimpawu zesizwe zaseMzantsi Afrika.
3. Bhala 'uSuku lwezaMafa' ngeelwimi ezimbini ezahlukileyo.

Eli bali liyilwe laze labhalwa ngesiVenda, njengenxalenye yeprojekthi yezixhobo zokufunda yeZenex, Ulwazi Lwethu, ka-2020.